

IsiKolo seCawa sabaNcinane

Isihloko sesifundo: ULwesihlanu oUungileyo kunye nePasika

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisikolo seCawa sabaNcinane esithi **“ULwesihlanu oLungileyo kunye nePasika”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Umzekel. Pre-SS, SS1, RI1 okanyeIsiqinisekiso). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiKolo seCawa sabaNcinane.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Thetha kunye nomphathi webandla wesikolo seCawa okanye utitshala.

Isifundo

Isihloko seSifundo	ULwesihlanu oLungileyo kunye nePasika
Isicatshulwa seBhayibhile	Luka 22: 23 noLuka 24: 1-9
Injongo yesifundo	Siyavuya ukuba uYesu uyaphila kwaye ufunda ukuba unamandla kunokufa.

Isishwankathelo sesifundo:

- NgoLwesihlanu oLungileyo nangePasika ziintsuku ezimbini ezikhethekileyo kubomi bawo nakowuphina umKrestu.
- UYesu wabanjwa, nangona wayengenzanga nto.
- Ababingeleli abakhulu bamtyhola ngokufuna ukuba ngukumkani, kwaye u Yesu akazange azikhusele kwezi zityholo. Bagqiba kwelokuba bamohlwaye.
- Wasiwa kwindawo ekuthiwa yiGolgotha apho wabethelelwa emnqamlezweni, wabulaleka, wafa. Abafundi bakhe nabahlobo bakhe bonke babelusizi kakhulu.
- UYesu wangenzga nto igwenxa ukuze afe, kodwa wasenzela umbingelelo. Nonyaka ngamnye ngolwesiHlanu oLungileyo, sikhumbula ukubulaleka nokufa kukaYesu Krestu.
- Umzimba kaYesu wabekwa engcwabeni ngaphakathi komqolomba onamatye kwaye umnyango wawuvalwa ngelitye elikhulu.
- Kwiintsuku ezintathu kamva, kwakusasa, bambi abafazi batyelela ingcwaba likaYesu. Ukufika kwabo apho, baqaphela ukuba ilitye elinzima lisusiwe kwaye ingcwaba alinamntu. Babebuhlungu kakhulu.
- Ngequbuliso, kwathi gqi iingelosi ezimbini zaza zathi: “Kutheni nifuna ophilileyo Phakathi kwabafileyo? Akakho apha. Uvukile kwaye uyaphila.
- Abafazi bayakhunjuzwa ngoko bakuxelelwa nguYesu - baya kundibethelela emnqamlezweni, kodwa ngomhla wesithathu ndiza kuvuka. Benovuyo olukhulu, ngokungxama babuyela esixekweni ukuya kuxelela abafundi ngesi siganeko sivuyisayo.
- Sibhiyozela iPasika ngosuku lwesithathu emva koLwesihlanu oLungileyo. Ngalo mhla uYesu wavuka kwabafileyo. Olu suku lusinika ithemba lobomi obungunaphakade kunye noYesu.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- UYesu wafa ukuze sixolelwe izono zethu.
- Siyakhunjuzwa ngeli dini kwaye sinalo ilungelo lofikelela kuxolelo lwezono zethu ngalo lonke ixesha xa sisidla uMthendeleko oNgcwele.
- Njengokuba u Yesu wabaxolela abantu ngento abayenza kuye, nathi kufuneka sikwazi ukubaxolela abanye.
- UYesu wavuka kwabafileyo, ukuze wonke umntu afumane ubomi obungunaphakade kunye naye xa esiza kusiphuthuma.
- Ukwazi ukuba uYesu uvukile, kuyasonwabisa kwaye kusinika ithemba.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Kwenzeke ntoni ngoLwesihlanu oLungileyo?
   Impendulo: UYesu wabethelelwa emnqamlezweni wafela emnqamlezweni.
2. Kuthetha ntoni oku kuthi?
   Impendulo: ukuba izono zethu zinako ukuxolelwa.
3. Bafumana ntoni abafazi xa babefika kwingcwaba likaYesu?
   Impendulo: ilityе liqengqiwe kwaye ingcwaba lalingenanto - umzimba wawungekho.
4. Ingelosi yabaxelela ntoni aba bafazi?
   Impendulo: ukuba uYesu wavukile kwabafileyo kwaye uyaphila.
5. Baphendula njani kwezi ndaba?
   Impendulo: bavuya kakhulu baza bakhawuleza ukuya kuxelela abafundi.

Imithandazo Yethu

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:
Thixo othandekayo, enkosi ngolunye usuku loThando noBubele baKho
Nceda sikelela umama notata uze usikelele iiNkokheli zethu nabo bonke abahlobo neentsapho
Siyathandaza ukuba sisoloko sikuxabisile nokuba sibe nokuthobela abazali bethu.
Sisikelele ukuze sibe nobubele nothando nokuba sibaphathe wonke umntu esidibana naye ngentlonipho nangobubele
Nceda usikelele isifundo sesiKolo seCawa kwaye sisoloko sikhumbula ukubulela ngokusichonga ukuba sibe ngabantwana baKhe
Sifuna ukuhlala sithembekile kwaye sithobekile kude ubuye usithabathele ekhaya kunye Nawe
Sikucela konke oku ngelihle igama laKho. Amen
Umthandazo emva kwesifundo:
Thixo othandekayo osezulwini.
Enkosi ngokusigcina sikhuselekile nokusivumela ukuba sive ibali elihle leBhayibhile.
Enkosi ngokusikhusela ngokusigcina sikhuselekile nakweyiphina ingozi.
Siyakucela sincede sisoloko sithobele umama notata nokuba sibe nobubele kumntu wonke esidinana naye. Siyakucela sincedise kumsebenzi wethu wasekhaya.
Sikelela iNtloko yethu yabaPostile, abaPostile nazo zonke iinkokheli, Siyakucela zigcine zikhuselekile xa zihamba ukuze zibenako ukusifundisa ngakumbi ngomsebezi wakho omkhulu, Thixo.
Siyakucela nceda bonke abantwana baKho, ngokukhethekileyo abo bagulayo nabo bangenakudla okanye indawo yokuzifihla.
Nceda ubuye kwamsinya usithabathele sonke ekhaya.
Sikucela konke oku, kungekuba sikusebenzele, kodwa egameni likaYesu. Amen